# UMZIMVUBU NEWS


QUARTER 4  2026 EDITION | UPHUHLISO KUMNTU WONKE

## UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY ADVANCES ROAD INFRASTRUCTURE UPGRADES IN KWABHACA TOWN

**BY KHAYA TSHONGWE**







The Umzimvubu Local Municipality continues to intensify its infrastructure development programme through the implementation of key road rehabilit-ation projects aimed at revitalising KwaBhaca and improving the overall condition of local roads.

Currently, the municipality is under-taking road works at the bypass behind Shoprite as well as the restoration of the street within the old Standard Bank vicinity. These developments form part of the municipality's broader agenda to invest in durable and sustainable infrastruc-ture that improves mobility, enhances safety and restores the appearance of the town.

The projects are expected to improve traffic flow, strengthen accessibility for both motorists and pedestrians, and contribute towards creating a more functional and attractive urban env-ironment. "The municipality views infrastructure development as a critical driver for local economic growth, improved service delivery and community development", said the Mayor, Cllr Zukiswa Ndevu.

## IVULWE NGOKUSESIKWENI IHOLO LASEKUHLALENI E-OSBORN

**NGU KWANELE NOJOKO**







Umhla ngowamaShumi amabini ananye kuTshazimpuzi 2026, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ekhokel-we nguSodolophu waloMasipala uCeba Zukiswa Ndevu, uthe wanikezela ngokusesikweni ngeholo lasekuhla-leni lakwaWadi 25 eOsborn.

Bebephume ngendlu abahlali balelali bezokwamnkela ngokusesikweni iholo yabo, nalapho bathe babonakalisa uchulumanco bevuyela ukufumana leholo besenza izithembiso ukuba bazakuthi bayigcine ngononophelo, futhi isemgangathweni.

Ethetha ngelixa evula ngokusesikweni leholo, uCllr Zukiswa Ndevu onguSodolophu waloMasipala, "singuMasipala waseMzimvubu namhlanje silapha eWadi 25 kwingingqi yase Osborn ukuzonikezela ngeholo esele igqityiwe neyakhiwe ngemali ekumyinge wezigidi ezithathu zerandi nalapho kuthe kwaxhamla abantu abangaphaya kweshumi kumathuba emisebenzi ngethuba kusakhiwa eliholo, ngoku sizokuthi kubahlali nantsi iholo mabayisebenzise sikwakhuthaza ukuba baze bayikhathalele ihlale isemgangathweni kwaye izakuban-cedisa ekubambeni iintlanganiso zabo, imitshato imingcwabo neminye imicimbi yabo, singuMasipala siyaqinisekisa ukuba sisa uphuhliso kumntu wonke waloMasipala".

## IBEYIMPUMELELO I-TRADITIONAL LEADERS SUMMIT YASE-UMZIMVUBU

NGU NANDI XANGAYI






Ibeyimpumelelo iSummit yeenkokheli zemveli eMzimvubu eqale ngomhla wama-23 kuTshazimpuzi 2026 yaze yagqitywa ngowe-24 kwakulenyanga. Le ndibano ibizinyaswe ngabantwana begazi abavela kuzo zonke iinqila zoMasipala waseMzimvubu, beze ngenjongo yokuxoxa ngemiba echaphazela uluntu lwabo nokufumana izisombululo ezizinzileyo.

Phakathi kwemiba ebalulekileyo ethe yaxoxwa kule summit kubekho: Isiko lolwaluko, ucando nokohlulwa kwemida kwiiward, ukubaluleka kwentatho-nxaxheba kulonyulo lukarhulumente, ukusetyenziswa kwezimbiwa ekuhlaleni, ukubiwa kwemfuyo, ukubhaliswa kwabantwana abasandula ukuzalwa. ziphumo zale summit zikhokelele kwizigqibo eziza kuphucula ulawulo lwemveli kunye nentsebenziswano phakathi kweenkokheli zemveli norhulumente. Le summit ibonakalise ukubaluleka kokusebenzisana, ukwabelana ngezimvo, kunye nokwakha ikamva elingcono loluntu lwaseMzimvubu.

## THE EASTERN CAPE PREMIER ADDRESSED THE 2026 PROVINCIAL YOUTH DAY COMMEMORATION AT UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY

BY KHOBOSO LEBENYA





On 16 June 2026 Umzimvubu Local Municipality had the honour and privilege of hosting the 2026 Provincial Youth Day Commemoration, a significant event that brought together thousands of young people, government leaders, traditional leaders, stakeholders, and community members to reflect on the country's history and celebrate the role of youth in shaping South Africa's future.

The commemoration was led by the Eastern Cape Premier, Oscar Mabuyane, who delivered the keynote address and highlighted the importance of Youth Month as a time of remembrance, reflection, and renewed commitment to youth development. The event served as a platform to honour the sacrifices made by previous generations of young people while also focusing on the opportunities and challenges
facing today's youth.
In her vote of thanks, the Mayor, Cllr Zukiswa Ndevu, expressed gratitude to the Provincial Government for selecting Umzimvubu Local Municipality as the host of such a prestigious occasion. She noted that the successful hosting of the event demonstrated the confidence placed in the municipality and underscored its growing role in supporting provincial programmes and initiatives. "As the host municipality, we were proud and privileged to have been entrusted with an event of this magnitude. It reflected the confidence placed in our municipality and reaffirmed our commitment to creating opportunities that empower young people and drive sustainable development," said Mayor Ndevu. She further emphasised that the municipality remained committed to working with all stakeholders to create an enabling environment where young people could access education, skills development, entrepreneurship opportunities, and meaningful participation in the local economy.

Delivering the keynote address, Premier Mabuyane reflected on the significance of Youth Month and the historical milestones being commemorated. He reminded attendees that the year marked 50 years since the historic 1976 Youth Uprising, a defining moment in South Africa's struggle for freedom and democracy. "As we commemorate Youth Month and marked 50 years since the historic 1976 Youth Uprising, we paid tribute to the courage and sacrifices of those who fought for the freedom we enjoy today. We also reaffirmed our commitment to ensuring that today's youth have access to opportunities, skills development, and support that will enable them to build a brighter future," said Premier Mabuyane. The Premier encouraged young people to take advantage of available opportunities in education, innovation, entrepreneurship, and skills development programmes, while also urging them to become active participants in building prosperous and resilient communities. The Provincial Youth Day Commemoration concluded successfully, leaving attendees inspired and motivated to continue advancing the ideals of freedom, equality, and development championed by the youth of 1976. The event also reinforced the collective responsibility of government, communities, and stakeholders to invest in young people and ensure that they are equipped to contribute meaningfully to the social and economic development of the Eastern Cape and South Africa as a whole.





## UMASIPALA WASEMZIMVUBU UXHASA IINTSAPHO EZICHAPHAZELEKE KWINTLEKELE YEMOYEZULU ENGWETSHENI

NGU NANDI XANGAYI





UMasipala wasekuHlaleni Umzimvubu uyaqhubeka nokuma ecaleni kweentsapho noluntu lwaseNgwetsheni, KwaBhaca, oluchatshazelwe yintlekele yemozulu eyenzeke ngorhatya lwangeCawa, umhla we-5 kuTshazimpuzi 2026.
Esi saqhwithi besikhatshwa yimvula enkulu, iindudumo nomoya onamandla, sabangela umonakalo omkhulu kwaWadi 14, satshabalalisa amakhaya sashiya abantu bengoodingindawo. Okona kubuhlungu kukuba amadoda amabini, uQhamani "Skuqe" Langa (35) noLihle Meyato (29), athi aphulukana nobomi kule ntlekele.

Kutyholwa ukuba la madoda mabini ayekwisithuthi sohlobo lwePolo ngethuba umoya onamandla usixiphula wasiphosa ezindongeni, nto leyo eyeyakhokelela ekubhubheni kwawo. Emva kwale ntlekele, uSodolophu woMasipala waseUmzimvubu, uCeba Zukiswa Ndevu, wakhokela igqiza eliquka uMasipala weSithili saseAlfred Nzo kunye neenkokheli zakwaLizwi ukuya kutyelela amakhaya achaphazelekileyo. Injongo yotyelelo ibikukuvavanya umonakalo, ukuthuthuzela iintsapho eziswelekeleyo, kunye nokuqinisekisa ukuba amakhaya afumana uncedo olufanelekileyo. Ngomhla we-17 kuTshazimpuzi 2026 kwabanjwa umngcwabo kaQhamani "Skuqe" Langa kwilali yaseNgwetsheni. Walandelwa ngokaLihle Meyato ngomhla we-18, nalapho uluntu, iinkokheli zikarhulumente, ezemveli nezakwaLizwi zihlangene ukunika imbeko yokugqibela kula maxhoba.

Ethetha emngcwabeni, uSomlomo wosuku, uCllr Langa Noqhakala, uvakalise amazwi entuthuzelo esithi: "Sikunye nezi ntsapho zimbini ngeli xesha lobunzima. SinguMasipala sizimisele ukuqinisekisa ukuba wonke umntu ochaphazelekileyo yile ntlekele ufumana uncedo olufanelekileyo ngokweemfuno zakhe. Kusapho lakwaMeyato nolakwaLanga sithi akuhlangalungehlanga. Sikhuthaza intsebenziswano nobuntu obubonakaliswe luluntu kunye neenkonzo zakwaLizwi ukuqinisekisa ukuba ezi ntsapho zifumana yonke inkxaso eziyidingayo." Ngeli xesha, iSebe lezoHlaliso loLuntu (Human Settlements) liyaqhubeka namalungiselelo okuqinisekisa ukuba iintsapho eziphulukene nezindlu zazo zifumana izindlu zethutyana ngelixa kusenziwa amanye amalungiselelo okubanceda. UMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uvakalise amazwi ovelwano kwiintsapho zakwaLanga nezakwaMeyato, kwaye uzibophelele kwintsebenziswano namanye amaqumrhu ukuqinisekisa ukuba bonke abo bachaphazelekileyo yile ntlekele bafumana inkxaso noncedo abaludingayo.

## BEBEPHUME NGENDLU ABAHLALI BAKWAWADI 24

KWANELE NOJOKO





Umhla ngoweSine KweyeSilimela 2026, uMasipala Ombaxa iAlfred Nzo ebambisene noMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu babambe ngempumelelo nesidima inkqubo yokukhumbula abo bathi balishiya eli limagade ahlabayo ngenxa kaGawulayo (HIV/ AIDS) kwanokubonisa uthando nenkxaso kwabo basaphila nayo le ntsholongwane. Ukanti ngamasebe ohluka-hlukeneyo athe azimasa lomcimbi naquka iSebe LezeMpilo, uSASSA kwakunye noDSRAC nalapho lamaSebe ebesenza inkcaza malunga neenkonzo zawo.

Olu lusuku lokukhumbula abantu abathi bachaphazeleka nguGawulayo nalapho ilusuku olukhunjulwa kwilizwe lonke jikelele, yaye injongo kukuba kunikwe imbeko kwabo balandulelayo, ukunika inkxaso kwabo bathe bachaphazeleka kwanokufundisa uluntu gabalala ngoGawulayo", utshilo uCeba Mlungiseleli Jonase onguceba wendawo ngethuba ebalula injongo yolusuku.

# BRINGING SERVICES CLOSER TO THE PEOPLE: RATEPAYERS RECEIVE HANDS-ON SUPPORT IN KWABHACA AND EMAXESIBENI

**BY KHAYA TSHONGWE**





The Umzimvubu Local Municipality successfully hosted a Ratepayers Service Day on 22 April 2026 in EmaXesibeni, delivering hands-on support and meaningful engagement to local residents, this following a successful first engagement held in KwaBhaca.The event created a welcoming space where community members could receive direct assistance from municipal officials on a range of account-related matters. Residents were guided through processes such as verifying and correcting property valuations, ensuring that municipal records accurately reflect their properties. Billing queries were also addressed, with several accounts updated to reflect correct and fair charges. For many residents, the day offered not only administrative help but also peace of mind. Officials worked closely with individuals to structure manageable payment plans, helping to ease financial pressure while promoting a culture of responsible account management.

Importantly, the municipality emphasised that this support is not limited to special events. Ratepayers are encouraged to approach municipal offices at any time for assistance, where dedicated teams remain available to help residents find efficient and convenient ways to manage and pay their accounts. One of the senior ratepayers, Mr Mzwandile Mpiti expressed appreciation for the initiative, highlighting its real impact on the community, "This day has made a real difference for us as residents. Being able to speak directly with municipal officials and get clarity on our accounts has brought much-needed relief. It shows that the municipality is serious about transparency and helping the community. We appreciate the support, especially in correcting billing issues and arranging manageable payment plans."

The initiative brings municipal services closer to communities by creating a dedicated platform for direct engagement between ratepayers and municipal officials. Revenue officials are on site providing hands-on assistance with a wide range of account-related matters, ensuring that residents receive immediate support and clear guidance.

The Municipal Manager, Mr Tobela Nota has emphasised that support is not limited to this outreach initiative. "While the current programme is dedicated to KwaBhaca ratepayers, residents are encouraged to visit the municipal Revenue Offices at any time for assistance with account queries, property valuations, and payment arrangements", he said. The Mayor, Cllr Zukiswa Ndevu has echoed the same sentiments stating that this initiative forms part of the municipality's broader commitment to building cooperation with communities, promoting transparency, and ensuring that municipal services remain accessible and responsive to the needs of all residents.

# ISILUMKISO NGOKWAKHA NOKUTHATHA UMHLABA KAMASIPALA NGOKUNGEKHO MTHEWENI (LAND INVASION AWARENESS CAMPAIGN)

**LWAZI MAMBAFULA**






Ngomhla weSithandathu kweyeSilimela 2026, Umasipala wasekuHlaleni Umzimvubu ubambe intlanganiso nabahlali baseSilver City kunye neeNkosi zendawo kwiHolo yoLuntu yaseSilver City, kwaWadi 16. Injongo yale ntlanganiso ibikukwazisa nokulumkisa uluntu ngeziphumo zokuthatha, ukucanda okanye ukwakha kumhlaba kaMasipala ngaphandle kwemvume esemthethweni. UMasipala ukwacacisile ngemigaqo-nkqubo nemithetho elawula ukusetyenziswa, ukuthengwa nokudluliselwa komhlaba, kwanangee-ofisi ezifanelekileyo ezinoxanduva lokusingatha le micimbi.

Abahlali bakhuthaziwe ukuba bangazifaki emngciphekweni wokujongana namatyala ngenxa yokungathobeli imithetho yolawulo lomhlaba. Kwakhona kulunyukiswe uluntu ngokuthengiswa kwamaziko, amanxiwa okanye iziza zabantu ngaphandle kweemvume ezifanelekileyo. "Silumkisa uluntu lwaseSilver City ukuba luyeke ukucanda nokuthatha iziza kumhlaba kaMasipala ngokungekho mthethweni. Nabani na onomdla wokufumana okanye wokudlulisela umhlaba makalandele iinkqubo ezisemthethweni zikaMasipala," utshilo uMnu. Tobela Nota, uMphathi woMasipala wasekuHlaleni Umzimvubu. UMasipala uza kuqhubeka nokwenza amaphulo okwazisa uluntu ngenjongo yokukhusela amalungelo abahlali, ukugcina ucwangciso olufanelekileyo lweendawo zokuhlala, nokuthintela iingxabano zomhlaba.

# UMZIMVUBU AGRICULTURAL SHOW MARKS 13 YEARS OF CELEBRATING LOCAL FARMING EXCELLENCE

**BY KHOBOSO LEBENYA**





The Umzimvubu Local Municipality successfully hosted its 13th Annual Agricultural Show over two days from 8th to 9th April 2026, reaffirming more than a decade of commitment to supporting and preserving local agricultural practices. Held at the KwaBhaca Auction Site, under the theme “Growing together, advancing agriculture through unity, trade and sustainability”, the event brought together emerging and established farmers, local businesses, and community members in celebration of agriculture, innovation, and economic development. Over the course of the two-day show, attendees experienced a rich display of fresh produce, agro-processed goods, and innovative farming practices that reflect the diversity and resilience of the Umzimvubu farming community.

Since its inception in 2013, the Agricultural Show has served as a vital platform for farmers to showcase their products, engage directly with consumers, and establish meaningful connections with buyers, partners, and stakeholders across the agricultural value chain. This year’s event continued that legacy, offering valuable market access opportunities while contributing to local economic growth and food security. The event also brought together a diverse range of key agricultural stakeholders, including government departments, private sector partners, development agencies, financial institutions, and research bodies, all of whom play a critical role in supporting and advancing the sector.Beyond the exhibitions, the Municipality highlighted its ongoing investment in farmer development through mentorship programmes and skills training initiatives. “These programmes focus on key areas such as business management, improving production efficiency, accessing markets, and meeting industry standards ensuring that local farmers remain competitive and sustainable in a challenging economic environment”, expressed Mr Azola Makanda, the Senior Manager for Local Economic Development. Appreciating the platform to showcase her produce was Ms Nontuthuzelo Mbele, who expressed her gratitude, saying, “this Agricultural Show has given us an opportunity to present our products to a wider audience, connect with potential buyers, and learn from other farmers and stakeholders”, she said. Standing in for the Mayor Cllr Inga Nodali encouraged continued support for local farmers and entrepreneurs, emphasising the importance of community participation in strengthening Umzimvubu’s growing agro-tourism sector.
The 13th Annual Agricultural Show once again demonstrated the power of collaboration, innovation, and local pride - cementing its role as a cornerstone event in promoting sustainable agriculture and economic opportunity in the Umzimvubu jurisdiction, said Cllr Nodali.

# UMASIPALA UCWANGCISELA UNYAKA-MALI OZAYO KA 2026 / 2027

**NGU NANDI XANGAYI**






Ukusukela ngomhla wesihlanu ukuya kowesibhozo kuTshazimpuzi, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uza kuqhuba iintlanganiso ze-IDP noHlahlo-lwabiwo-mali (Budget) kuzo zonke iiWadi zomasipala.
Ezi ntlanganiso zenzelwe ukunika abahlali ithuba lokuba bathathe inxaxheba ekucwangciseni unyaka-mali omtsha oza kuqala ngoJulayi
walo nyaka. UMasipala udibene noluntu ukuze kuqwalaselwe iimfuno eziphambili zoluntu kwakunye neenkonzo ekufuneka zibekwe phambili kuphuhliso lweendawo abahlala kuzo. “Ezi ntlanganiso zibaluleke kakhulu kuba kulapho abahlali bevakalisa khona iimfuno zabo baze bavumelane ngeenkonzo abazilindeleyo kuRhulumente kunyaka-mali ozayo,” utshilo uCllr Ntombizandile Garane, obekhokele igqiza likaMasipala kwintlanganiso ebibanjelwe eMsukeni, kwaWadi 3.

UMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ukhuthaza bonke abahlali ukuba bathathe inxaxheba ngokubonakalayo kwiintlanganiso ze-IDP noHlahlo-lwabiwo-mali kwiindawo zabo, ukuze wonke umntu abe negalelo ekumiseleni izinto eziphambili kuphuhliso nasekuphuculeni iinkonzo zoluntu.
*Ilizwi lakho libalulekile. Thatha inxaxheba ekwakheni ikamva loluntu eliqaqambileyo.*

# BEKUBANJWE INTLANGANISO NABAHLAWULI BEERHAFU (RATEPAYERS) KUNYE NABO BACHAPHAZELEKAYO

**NGU KHAYA TSHONGWE**







Ngenjongo yokuqinisa ngakumbi unxibelelwano naBahlawuli beeRhafu (Ratepayers) nabo bachapazelekayo, iKomiti yoLawulo kunye naMagosa kaMasipala bekhokelwe nguSodolophu waseMzimvubu bebebambe intlanganiso naBahlawuli beeRhafu (Ratepaters) kunye nabo bachaphazelekayo kwiHolo laseMaXesibeni kwaWadi 28.

UMasipala ebebambe iingxoxo nabahlali kwinto enokwenza noMhlaba oseDolophini (Disposal of Sites), nezicwangciso asele enazo uMasipala ngeendawo zokungcwabela ezimbini zaledolophu, kwaye ezokhumbuza nabahlali ngeBy-Laws ze-Waste Management. Bekuzokhuthazwa nangokuhlawulwa kweeRhafu, nalapho uMasipala ebenenkqubo ibikhona kungekudalanga ye- Ratepayers Service Day ukukhawulelana nabahlali, kwenziwe nohlengahlengiso loba abahlawuli beeRhafu bazohlawula kanjani ukubheka phambili. “Besibambe iingxoxo sizomamela nezimvo zabahlali phambi kokuba kuthengiswe iimihlaba, iinjongo zikaMasipala kukuzodibanisa iintloko naBahlawuli beeRhafu nabo bonke abachaphazelekayo, kutsho kuvunyelwane ukubheka phambili”, uququmbele watsho uSodolophu, uCllr Zukiswa Ndevu.

# UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY INSTALLS SOLAR-POWERED STREETLIGHTS AT KWABHACA TOWN

**BY KWANELE NOJOKO**





In a continued effort to be recognised as a model rural municipality with a vibrant economy and world class service delivery capabilities, the Umzimvubu Local Municipality has in the previous financial year (2024 / 2025) invested close to R1 million for the installation of thirty (30) streetlights, through the Infrastructure Development Department.

The Municipality can confirm that in the 2025 / 2026 financial year the same project has been implemented, with installation of more than 65 streetlights nearing completion, close to 45 streetlights have already been installed. Thirteen local people were temporarily employed.

“Upon completion, this project will improve pedestrian visibility and personal security and enhance safety by allowing pedestrians and motorists to see each other at night. It will also contribute to the fight against crime, as many criminal activities occur after dark”, said Mayor Ndevu. This initiative further demonstrates the municipality’s dedication to sustainable and environmentally friendly infrastructure development while contributing towards a cleaner and energy-efficient future.

## KUVULWE NGOKUSESIKWENI IHOLO YOLUNTU ESIDAKENI KWAWADI 02 EMAXESIBENI

**NGU NANDI XANGAYI**







Ngeenjongo zokuphucula iziseko ezingundoqo emaphandleni nokusondeza iinkonzo ebantwini, uMasipala wasekuHlaleni Umzimvubu uvule ngokusesikweni iholo yoluntu kwilali yaseSidakeni kwaWadi 02 EmaXesibeni. Le holo kulindeleke ukuba ibe liziko elibalulekileyo neliza kunceda uluntu kwiintlanganiso, iinkqubo zophuhliso, imisebenzi yolutsha, imibhiyozo yoluntu kwakunye nezinye iinkqubo zikarhulumente ezijolise ekuphuhliseni iindawo zasemaphandleni. Ngexesha lokwakhiwa kwale holo kudaleke amathuba emisebenzi alishumi elinesine, aquka abasetyhini abane kunye nabantu abatsha abasibhozo, nto leyo ebonakalisa ukuzimisela kukaMasipala ekuxhaseni uqoqosho lwengingqi nokudala amathuba emisebenzi kubahlali bendawo.

Ethetha kumsitho wokuvulwa kwale holo, uSodolophu waloMasipala uCllr Zukiswa Ndevu ugxininise ukubaluleka kokukhuselwa nokugcinwa kwezakhiwo zikarhulumente ukuze zihlale zincede nezizukulwana ezizayo. “Sikhuthaza uluntu ukuba lusebenzisane noMasipala lukhusele le holo ukuze iqhubeke isetyenziselwe injongo eyakhelwe yona. Ezi zakhiwo zithi zisondeze iinkonzo zikarhulumnte kufutshane abantu bakwazi ukuxhamla”. Uququmbele watsho uSodolophu. Ukuvulwa kwale holo kuza njengenyathelo laloMasipala lokuqhubeka nokuphucula ubomi baba

## IMBIZO YONIKEZELO NGEENKONZO (SERVICE DELIVERY IMBIZO)

**NGU NANDI XANGAYI**







Iqhube ngempumelelo Imbizo yoMasipala wasekuHlaleni Umzimvubu, apho uSodolophu, uCeba Zukiswa Ndevu, athe wathula intetho yakhe ngoBume boMasipala (State of the Municipality Address). Le mbizo ibibanjelwe EmaXesibeni, kwaWadi 26, kwaye ibihanjelwe ngabahlali abaninzi abathe bafumana ithuba lokuva ngezicwangciso, impumelelo nemingeni kaMasipala.

Ngexesha lale mbizo, amasebe karhulumente ahlukeneyo aquka elezeMpilo, amaPolisa aseMzantsi Afrika (SAPS), kunye neSASSA, athe anikezela ngeenkonzo zawo kubahlali. Oku kube negalelo ekusondezeni iinkonzo ebantwini nasekuqinisekiseni ukuba uluntu lufumana uncedo nolwazi olufunekayo kufutshane neendawo abahlala kuzo. UMasipala waseUmzimvubu uyaqhubeka nokuzibophelela ekwakheni urhulumente osebenza ngokusondeleyo noluntu, ophulaphulayo kwaye ozisa iinkonzo kubantu ngendlela efikelelekayo nenegalelo kuphuhliso loluntu.

## MAYOR PAYS HOMAGE VISIT TO REVEREND DABULA AND FAMILY

**BY KHOBOSO LEBENYA**







In a gesture of care, solidarity, and respect, the May-or of Umzimvubu Local Municipality, Cllr Zukiswa Ndevu paid a special homage visit to the Dabula family following the recent hospitalisation of Rev. Dabula and his wife. Emeritus Bishop Don Dabula of the Methodist Church is widely regarded as one of the respected elders of KwaBhaca, whose lifelong contribution to spiritual guidance, community dev- elopment, and social cohesion has positively impa-cted countless lives across the area.

*(Continued fon page 8)*

(Continued from from page 7)

During the visit, the Mayor conveyed heartfelt well wishes for a speedy and full recovery to both Rev. Dabula and his wife, Mama Zola Dabula (Mamguni). The visit also served as an opportunity to offer words of encouragement and support to the family during this period. In his remarks, Rev. Dabula expressed his appreciation for the visit and wished the Mayor and the municipal leadership strength and success in their responsibilities. He further encouraged the Municipality to continue working tirelessly to improve the lives of the people of Umzimvubu and to intensify efforts aimed at community development and service delivery.Umzimvubu Local Municipality values and honours the role played by community elders whose wisdom, guidance, and unwavering commitment continue to inspire future generations. The Municipality remains committed to advancing development and ensuring that Uphuhliso lufikelela Kumntu Wonke. We continue to keep Rev. Dabula and his wife in our thoughts and wish them continued healing, good health, and many more years of service to the people of KwaBhaca.

As a lasting testament to his contribution and legacy, one of the streets in KwaBhaca, "Dabula Street", proudly bears his name, recognising the significant role he has played in the spiritual and social development of the community.

## IBHUNGA LOMASIPALA UMZIMVUBU LWAMKELE UHLAHLO LWABIWO-MALI LONYAKA-MALI KA-2026/2027

**NGU NANDI XANGAYI**







USomlomo woMasipala wasekuHlaleni Umzimvubu ubize iNtlanganiso yeBhunga yesi-9 yesiqhelo ngoLwesine, umhla wama-28 kuCanzibe 2026, ebibanjelwe kwiGumbi leBhunga likaMasipala elisandula ukulungiswa. Kule ntlanganiso, uSodolophu, uCeba Zukiswa Ndevu, uthe wanikezela uHlahlo lwabiwo-mali loNyaka-mali ka-2026/2027, ngokugunyaziswa liCandelo lama-24 loMthetho woLawulo lweMali kooMasipala (Municipal Finance Management Act 56 of 2003).

UMasipala ulwamkele oluhlahlo lwabiwo-mali, nalapho ingeniso iyonke inyuke isuka kwi-R512.2 yezigidi yaya kwi-R525 yezigidi, nto leyo emele ukonyuka nge-2%. Olu nyuso lubangelweika-khulu kukwanda kwenkxaso-mali kunye nezibonelelo ezivela kurhulumente, kuquka imali ebuy-iselweyo yomonakalo obangelwa ziintlekele kunye nenkxaso-mali ejoliswe kumalinge okulwa nokutshintsha kwemozulu. Nangona kunjalo, uMasipala uqaphele ukwehla kwesabelo se-Equitable Share esisuka kwi-R293 yezigidi saya kwiR281.1 yezigidi. Uhlahlo lwabiwo-mali lweeprojekthi ezinkulu (Capital Budget) nalo lwehlile, lusuke kwi-R188.2 yezigidi lwaya kwi-R131.3 yezigidi, ngenxa yokuncipha kwenkxaso-mali yokuncedisa kwiintlekele kunye nokuncitshiswa kweeprojekthi ezixhaswa ngemali kaMasipala. Phakathi kweeprojekthi eziphambili eziza kuphunyezwa kulo nyaka-mali kukho ukufakelwa kombane kwiindawo zaseNgojini, eShayamoya naseSigidini, ezixhaswa yi-INEP Grant exabisa i-R8.4 yezigidi. Kukwakho neeprojekthi ezinkulu zeziseko zophuhliso ezixhaswa yiMunicipal Infrastructure Grant (MIG) exabisa i-R57.7 yezigidi, eziquka ukwakhiwa kwebhulorho yaseOsborn, indlela yokungena kunye nebhulorho yaseMarwaqa, iNdlela yokuNgena yaseNgwekazana/Gud-lintaba, kwakunye nokwakhiwa kweeholo zoluntu kwiindawo ezahlukeneyo zalomasipala.

Uhlahlo lwabiwo-mali lokuqhuba iinkonzo zikaMasipala (Operational Budget) lonyuke lwaya kwi-R507.9 yezigidi. Le mali iza kuxhasa iinkonzo zokhuseleko, ukulun-giswa nokugcinwa kweziseko zophuhliso, ukufakelwa kombane, uphuhliso lwezindlu zoluntu, iinkqubo ze-Extended Public Works Programme (EPWP), ukuthatha inxaxheba koluntu, iinkonzo zasimahla kubahlali abafanelekileyo, iinkqubo zokuxhasa ulutsha nabantu abadala, uphuhliso lwamashishini amancinci (SMMEs), iiprojekthi zokulima, kwakunye nokuphuhliswa. kobugcisa bolwazi (IT) ezikolweni. UMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uzimisele ukuqhubeka nokuphucula unikezelo lweenkonzo, ukuphuhlisa iziseko zophuhliso, ukuxhobisa uluntu nokukhuthaza ukukhula koqoqosho kuzo zonke iiwadi zalomasipala.

## THROUGH THE LENS!











